VAKALISA ULUVO LWAKHO

ISIMEMO SOKWENZIWA KWEZIPHAKAMISO LULUNTU

UMTHETHO SIHLOMELO OYILWAYO WENKAMPANI YEENKONZO ZOKULAWULA IINQWELO ZOMOYA KUNYE NEENQANAWA [B 6 - 2018]

IKomiti yeMicimbi yeSebe lwezoThutho imema abantu abanomdla kunye nabo bachaphazelekayo ukuba bangenise iziphakamiso ezibhaliweyo ngokubhekiselele kuMthetho Sihlomelo oYilwayo weNkampani yeeNkonzo zokuLawula iiNqwelo zoMoya kunye neeNqanawa [B 6 - 2018].

UMthetho oYilwayo ufuna ukuhlomela uMthetho ka-1993 weNkampani yeeNkonzo zokuLawula iiNqwelo zoMoya kunye neeNqanawa, ukwenzela ukufakela inkcazelo entsha; ukubonelela ngokuncedisa ekwenziweni komsebenzi ngaphakathi nangaphandle kweRhiphablikhi; ukubonelela ngezibheno ngokuchasena nesigqibo seKomiti eLawulayo; ukubonelela ngamatyala kunye nezohlwayo; ukusetyenziswa njengentetho ethile, ubungqina kunye namagama; nokubonelela ngemicimbi enxulumene noko.

Imibuzo, ngokunjalo neziphakamiso ezibhaliweyo, zingathunyelwa kwiKomiti yeMicimbi yeSebe lwezoThutho (Igqaliselwe ku: Valerie Carelse), 3rd floor, W/S 3/79, 90 Plein Street, Cape Town 8001, okanye kule dilesi ye-emeyile vcarelse@parliament.gov.za. Ukwangeza kwiziphakamiso ezibhaliweyo, nceda wazise ukuba unomdla wokwenza intetho yakho ngomlomo kwiKomiti.

Umhla wokugqibela wokuthunyelwa kweziphakamiso 15 kweyoMqungu 2019.

Iikopi zoMthetho oYilwayo ziyafumaneka kuValerie Carelse kule nombolo yomnxeba: 021 403 3272, iselula 083 709 8445 okanye www.parliament.gov.za

Ikhutshwe nguNks DP Magadzi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe lwezoThutho

Parliament. Making Democracy Work.

www.ayandambanga.co.za ISOLEZWE ISIXHOSA 135209 www.thecandocompany.co.za